




Imidlalo yeenkawu

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

Imidlalo yeenkawu

(Monkey Business)

Illustrated by Brice Reignier

Written by Magriet Kruger

Designed by Wilna Combrinck

Translated by Sebolelo Mokapela

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.


ISBN: 978-1-77632-526-9

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence

(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.



Imidlalo yeenkawu



Brice Reignier · Magriet Kruger · Wilna Combrinck



Endle, kukho izilwanyana
ezininzi ezahlukileyo:






ezinkulu nezincinci, *ezinamendu* nezicothayo.

Kodwa isilwanyana
ngasinye sinendima
esiyidlalayo.





lindlovu zineempumlo ezinde
ezibizwa ngokuba yimiboko
nezifunxa ngazo amanzi. Amanzi
ziwafumana nokuba sele kunzima
ukuwabona.



Kwaye xa sele
ziwafumene, zitsho
ixilongo zikhwaza
abahlobo bazo:

**pruwiii-
pruwiii!**



Imikhombe yona
ithanda isiqhelo.


lhamba endleleni enye


rhoqo
kwaye
rhoqo,

yenza umzila ovulekileyo njengokuba

ihamba **itywabaza** emahlahleni.









limvubu zona zithanda ukutya ingca enencasa,
eluhlaza, kwaye ziyayitya kakuhle.

Grwam-
grwam-
grwam.



Zigcina ingca esecaleni komlambo
imfutshane ukuze kube lula ukufikelela
emanzini.






Kodwa kwenzeka
ntoni ngeenkawu?



Yhoo, iinkawu zinowona msebenzi
ubaluleke ngeyona ndlela.





Zihlala zixakekile, ukususela
ilanga liphuma de liyokutshona -

ziyenyuka,
ziyehla
zibe

zikhangelana
nokutya.







linkawu zijinga emithini
ngeenyawo zazo, ihlabathi
zilibuke zenze


unonkqo.



Zijiwuza

ukusuka kwisebe ukuya kwelinye
zihamba ngamaqela angambini,
ngantathu nangamane ngexesha.

Akusemnandi nje!






Oomama unkawu konke
oku bakwenza bebeleke
iintsana ngezisuzabo.
Inokuba ezi ntsana zona
zibona ntoni bethu

ezantsi phaya?





Xa iinkawu zirhalela izimuncumuncu,
zicobana imihlana
zitye iintakumba zeetshomi zazo.







Kwaye xa zisitsha kwaye zidinwe,

ziyaqengqeleka

ukuyokutshona
emanzini.









Ngowuphi owona msebenzi
ubalulekileyo owenziwa
ziinkawu? Zidlala imini yonke.

**Kwaye lo ngowona
msebenzi unzima!**

